bookdash.org

Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative volunteers to create new African storybooks that anyone can freely print, translate and distribute. Then we work with partners to give those books to preschool children to own.

To find out more, and to download beautiful, open-licensed, print-ready books, visit bookdash.org.

*Masihambe siyokuzingela inkunkuma*
*(Let's go on a litter hunt)*
Illustrated by Lyn Leventhorpe
Written by Sue Adams
Designed by Nadene Reignier
Translated by Sindiswa Mbokodi
with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 14 October 2023.

ISBN: 978-1-77632-557-3

Typeset in Quicksand, Andika

**This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/).**

You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use. No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

# Masihambe siyokuzingela inkunkuma

Lyn Leventhorpe • Sue Adams • Nadene Reignier



UTata uthi, “Le yadi igcwele UKUNGCOLA. Umoya uvuthuzele inkunkuma ngaphakathi.”

UMama uthi, “Masihambe siyokuzingela inkunkuma. Masiqale sikhangele iitoti.”

UTata uthi, “Nxibani ezi zingxobo zezandla.”



Siyokuzingela iitoti.
Sijonga phezulu naphantsi.
Sijonga phantsi kwamatyholo
nezayame ngocingo.





Sifumene iitoti ezibomvu neziluhlaza,
iitoti ezirusileyo nezimenyezelayo,
ezicocekileyo nezimdaka.







Masenze ntoni ngazo zonke ezi toti?



Masifumane umgqomo size sizifake kuwo!

Ngoku masikhangele iplastikhi.



Siyahamba siyokuzingela iplastikhi.
Sijonga phezulu naphantsi.
Sijonga ngasemva kwendlwana
yeenkuku naphambi kwendlu.



Sifumene iibhotile zobisi neziciko zeebhotile,
iingxowa zokufaka okuthengiweyo nezinti
zeeswiti, izitroyi nee-emere ezophukileyo.








Masenze ntoni ngayo yonke le plastikhi?



Ngoku masikhangele amaphepha.

Masifumane umgqomo size siyifake kuwo!



Siyahamba siyokuzingela
amaphepha.
Sijonga phezulu naphantsi.
Sikhangela kufutshane nefatyi
yamanzi nangaphezu kwebhanki.



Sifumene amaphepha amanzi namaphepha omileyo, iibhokisi zekhadibhodi namaphephandaba, iipleyiti ezindala zephepha neethishu ezimdaka.





Masenze ntoni ngawo onke la maphepha?




Masifumane umgqomo
siwafake kuwo!

Ungakhangela
nantoni enye?
Hmm ...



Akusekho kungcola!





Nifanelwe
yinto emnandi!
Yaye khumbulani ...
manenze ntoni
ngenkunkuma yenu?

Masifumane umgqomo
size siyifake kuwo!



